

Icandelo: Imiba Yabafundi USomqulu Weenguqu

Intshayelelo

ICandelo Lemiba Yabafundi (DSAf) liyaqonda ukuba iYunivesithi yaseStellenbosch (i-SU) ibivulekelwe ngamathuba. Iindawo ezininzi zithwaxwe kanobom kukwahlulahlulwa kwabantu ngenkani obekukho ngaphambili nokucinezelwa kwesininzi sabantu boMzantsi Afrika ngokusekelwe kwiinkalo ezahlukeneyo, eziquka i-apateyti, ubukoloniyali; kwakunye nofikelelo olungalinganiyo kwiimfundo nobutyebi. Njengoko ubhekisela kuMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, lo Somqulu weeNguqu uyakuqonda ukubaluleka kokulingana, ukuqukwa kwabo bonke abantu, ufikelelo lwabantu bonke, namava abo bonke abasebenzi kunye nabafundi esibancedayo.

Ukulungelelanisa inkcubeko yeziko eliyile yunivesithi ukuze ifezekise iimfuno zabafundi ngokwahlukahlukana kwabo kuyimfuneko ephambili kwiinguqu zale yunivesithi.

Lo Somqulu ujolise koku:

- (i) Ukuxhobisa ngokupheliswa kobukoloniyali neenguqu ngaphakathi kwi-DSAf;
- (ii) Ukukhuthaza inkcubeko yokuquka neyokuxhasa ukukhuthaza ukufakan' imilomo okuneenjongo nokuyingenelo phakathi kwababandakanyekileyo abasuka kumacandelo awahlukeneyo, oko kukuthi, abafundi nabasebenzi nabantu abakufutshane nale yunivesithi.
- (iii) Ukukhuthaza imigudu elungelelanisiweyo yeziko yokulungisa, nokwakha ibutho ababenombono walo abantu bexesha lasemva kwe-apateyti; kwakunye
- (iv) Nokukhuthaza nokuqinisekisa ukuzinikela kwethu okungagungqiyo ekwakheni imo yenkalipho nokumanyana ekwenzeni umsebenzi weenguqu kwiCandelo Lemiba Yabafundi. Le nkcubeko ikhuthaza ukwahlukahlukana, icel' umngeni ucalucalulo ize iqinisekise ukuba izinto zenziwa ngobulungisa.

E-DSAf, sizimisele ukuyila amava okufunda akhuthaza inguqu kubafundi nabasebenzi bethu aquka bonke abantu, kungakhathaliseki ukuba basuka kweyiphi imeko yoqoqosho nokuhlala, ubudala, uhlanga, isini, amandla, isini asikhetshayo, imo yokutshata, inkolelo, imvelaphi yobuzwe okanye eyobuhlanga, inkcubeko, uhlanga, ulwimi, nokuzalwa kusetyenziswa ufikelelo lwendawo yonke, ukuhlonipha iimo ezahlukeneyo abazizo abantu neendlela abavakalisa ngayo izimvo zabo.

Isithembiso sethu:

- (i) kukulungiselela ikhaya lemfundo ukuze bonke abantu baphumelele baze baphathwe ngembeko nanjengabantu;
- (ii) kukukhuthaza indawo apho abasebenzi nabafundi benendawo ekhuselekileyo bakwazi ukuba ngabo; kunye
- (iii) nokubethelela imbono yokwabelana ngobuntu baze babe nesidima

Ubunkokeli

Ukuyilwa kwalo Somqulu kufanele kube yinto ekuza kubhekiselwa kuyo ziinkokeli e-SU. Abasebenzi neenkokeli ezingabafundi bafanele baphenduliswe ngezi zinto zilandelayo:

Abantu abakwizikhundla zobunkokeli bafanele bamele amanani abantu abakwiRiphabliki yoMzantsi Afrika. Ukwahlukahlukana kwabantu abamelwe kubunkokeli kufanele kudlulele ngaphaya kwabantu abaqhele ukubakho kuquke abantu abebejongelwa phantsi, njengabantu abaneziphene, njl njl., kumele kubonise amanani eRiphabliki yoMzantsi Afrika. Sifanele siqinisekise ukuqhubeka kwezakhono neengcingane zobunkokeli kwananjengoko abafundi nabasebenzi bejoyina baze bashiye i-SU.

Abasebenzi

Sicinga ukuba kubalulekile ukuyila imo apho kungazi kubakho mntu ubhulishwayo (ngokwasengqondweni, ngokweemvakalelo, emzimbeni okanye kwi-intanethi). Indawo yethu yengqesho ifanele kube lapho amandla neetalente zabantu zisetyenziswa kakuhle khona

Sizimisele ukukuncothula neengcambu ukucalula okungenalusini nokuxhaphaza, kwanokuyila imo engenalo ucalulo ukuze abasebenzi baphumelele baze bahambele phambili.

Abafundi

Siqinisekisa iinjongo zethu zokudibana sakhe iindawo ezingenalo ucalulo nokuxhaphaza, apho abafundi nabasebenzi bevunyelwa bakhule baze babone ukuba amandla abo ahamba aphelele phi. Sineenjongo zokuyitshayela kuthi tuu into yokubizwa kwabantu ngamagama enyelisayo ngenxa yemo yempilo yengqondo neyomzimba.

Sizimisele ukubhiyozela abantu ngabanye nokuba ngamalungu kwabo eYunivesithi yaseStellenbosch. Ke ngoko asikukhuthazi ukuginywa (nto leyo efuthanisela ukwahlukahlukana) nokunyanzelwa ukuba ube yinxalenye yeyona nkubeko ibonakala ingaphezu kwezinye, imvelaphi, imo yezimali, ulwimi, indawo ohlala kuyo (abafundi abahlala ngaphakathi okanye abafika qho kusasa), ubungakanani bemfundo nayo nayiphi na into umntu ahluke ngayo komnye emahlulayo omnye umfundi nomsebenzi komnye kunokuba ibamanyanise.

Indlela yokwenza izinto ekhampasini (ingakumbi umba wendlela ekuphilwa ngayo ekhampasini, kuquka laa nto Yokufakw' Ekhaya kuNyaka Wokuqala) neziseko zobunkokeli zabafundi, kufuneka zibandakanye abantu abaninzi kangangoko, zifake abafundi abaninzi abahlukeneyo.

Oku kungaphunyezwa ngokuqinisekisa ukuba bonke abantu bayaphulaphulwa kwiindawo ngokwahlukana kwazo xa kugqitywa ngendlela zokwamkela abafundi abatsha okanye eminye imicimbi yokuhlala eqhutyelwa kwizakhiwo zokuhlala ezahlukeneyo, nekwaquka abafundi abafika qho kusasa.

Siyazibophelela ekuxhaseni ukuphuhlisa kobunkokeli obuneenguqu ngakumbi nenkqubo yoqeqesho eqinisekisa ukuba zonke izinto ezisetyenziselwa iinkqubo zeenkokeli zabafundi zibasondeza kumava nolwazi olwahlukileyo kwizinto abaziqhelileyo, okanye mhlawumbi ezo bazithanda kakhulu bafumane amava amatsha ngokupheleleyo. Ngokomzekelo oku kunokuquka iinkqubo zoqeqesho nezokufundisa ezijoliswe ekulweni nobundlobongela obusekelwe kwisini, ukuchasana nokuxhatshazwa okwenziwa kumakhasi onxibelelwano, kunye nokulwa nocalucalulo kunye nokuxhatshazwa kwazo zonke iintlobo (kuquka nempilo yengqondo).

Uphando

Abasebenzi be-DSAf banethuba lokuba yinxalenye yophando njengoko lusisiseko samaphulo neenkqubo ezisekelwe kubungqina.

Abasebenzi kufuneka baqonde indlela indima yabaphandi kunye nabathathi-nxaxheba kuphando abaye bakhiwa ngayo ngaphambili kwanendlela abaqhubeka ngayo kwimo yase-SU.

Ngaphambili, i-SU yayizivumela iindlela ezahlukeneyo ezingabonisi "indlela eyiyo yophando". Siyakuvuma oku kungabikho kobulungisa kwangaphambili yaye sizimisele ukulungisa size senze izinto ngendlela echubekileyo kuphando lwethu.

Ukuqinisekisa ukuziphatha kakuhle kwabathathi-nxaxheba kuphando kuseyeyona nto iphambili yaye iibhodi zangaphakathi ezijongene nokuziphatha zimele zilunywe indlebe.

Abantu

Sikholelwa ukuba kubalulekile ukukhumbula ukuba njengabantu baseyunivesithi, sikwayinxalenye yoluntu.

Iyunivesithi zibonwa njengezipili zeengcamango zoluntu jikelele kwaye ukuba siyakwazi ukuzisa utshintsho kuzo, izinto ziya kuphumela nakwilizwe liphela kwaye sakube siyila ikamva esiya kuzigasa ngalo. Singamaziko otshintsho kwaye kufuneka sikhuthale ekuzibandakanyeni kwimisebenzi, iingxoxo kunye nokwenza izigqibo, zinto ezo eziya kukufezekisa oku ngokuqonda izinto esahlukileyo ngazo, sifumane izinto esidibana ngazo sibambisane ekuziyileleni indawo ephucukileyo kunye nabo basezayo emva kwethu.

Abantu base-SU bachazwa ngokubanzi njengeendawo esiphuma kuzo singabafundi nabasebenzi. Baquka iinkokeli, abafundi, abasebenzi, abo basaqeqeshwayo, abasebenzi bekhontrakthi, izigulana, abathengi kwiCandelo leMicimbi yabaFundi kunye namahlakani ne-DSAf.

Ikharityhulam Ekhaphayo Noqeqesho

Injongo yethu kukukhuthaza ikharityhulam, ikharityhulam ekhaphayo noqeqesho olukhuthaza ukulingana, ukuquka abantu, nobulungisa; nelungele ukukhuthaza nokuphuhlisa ukuphumelela kwabafundi nezifundiswa.

Ikharityhulam nekharityhulam ekhaphayo equka abantu ngakumbi ifanele ifikelelwe ngokuqukwa kweengxoxo ezithetha ngobulungisa ekuhlaleni njengemiba yesini, ukukhubazeka nokutshayelwa kobukoloniyali.

Oku kuya kubangela ukudalwa kwenkqubo yokufunda equka bonke abantu nokuba bakweliphi na izinga lentlalo. Ngaphezu koko, kufuneka amaqonga aqhelekileyo e-intanethi nawezobugcisa okufunda nokufundisa, ukuze kuqinisekiswe ukukhuthazwa

kofikelelo olulinganayo kubafundi kuze kubekho nobulungisa kubo bonke.

Imo Yemvelo

Siza kujolisa kuphuhliso oluzinzileyo notyalo-mali - sibhekisa ngokukodwa kumgaqo-nkqubo wokuthengisa e-SU apho amanye amashishini athi axhaswe wona anegalelo ekonakalisweni kokusingqongileyo kwilizwe ngokubanzi nasehlahlabathini jikelele.

Sizama ukudala imekobume yendalo ezinzileyo ngokuqinisekisa ukuba kuhlala kukho ukutya, ukunciphisa umzila esinawo wekhabhoni kangangoko kunokwenzeka, kunye nokuziphatha ngendlela engayi kuba yingozi kule planethi.

Izenzo zethu ziya kujoliswa ekuqinisekiseni imekobume ecocekileyo nesempilweni kwizizukulwana ezizayo e-SU. Ngenxa yoko simele sizibekele usukelo kwindlela esisebenza, esiphila nesifunda ngayo kuzo zonke iikhampasi zethu.

Isithembiso sethu

Siyathembisa ukuba siza kubambelela kwizibophelelo ezenziwe kulo Somqulu ngendlela ehlonipha isidima ize ihloniphe nabo bonke esisebenza nabo.

Siyavuma ukuba lo Somqulu ungumnqweno kwaye thina njengamalungu eCandelo: Lemicimbi yaBafundi, sinoxanduva lokuphumeza esi sithembiso.